

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices, addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JANUARY 16, 1890.

[No.270

IXESHA LE BHOLA, 1889.

DYER NO DYER,

BANQIKA into eninzi ye Mpahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe ; kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s  
„ Ezilunge ngapezulu 21s  
„ Ezispeshele 21s  
„ Eziketwiweyo 25s  
„ Duplex Driver 30s  
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s  
„ I Eziyi Double Cane 17s  
Zika Cobbet's Cane Zonke 19s  
„ Ezenziwe Speshele 25s  
Bartlett's ezi Double Cane 13s 6d  
„ ezi All Cane 16s 9d  
„ ezi Kuncotula 19s 6d  
Zamadoda zoku praktisa 5s 6d, 8s  
„ Dove Tail (extra strong) 9s  
I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d.  
I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.  
„ extra strong 6s 3d.  
Ezentsapo 2s 6d.  
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s  
Ezika Aker's Ze Match ezimitungo ipindwe katatu 9s.  
„ i Catgut „ 10s.  
„ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

IZANDLA.

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.  
Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d. I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,  
ABANENGUBO ZAMANENE,  
KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zombini. e pontini, amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi.

BON MARCHE!

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E-GRAHAM'S TOWN.

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 1/2 d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 3/4 d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 1/2 d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye- iblanket zoboya ziqala 5/- inye. Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvula e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye  
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.  
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.  
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 1s.  
IHEMPE, 1s. inye.

Ozekutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (E1), uyakubuya ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

ABATSHATILEYO.

MAYAFI.MOTSHUMI. — Kutshatiswe ngu Rev. Isaac Dugmore, encediswa ngu santombi u Rev. Nehemiah Motshumi, u HENRY JOB MAYAFI wase Basutoland, no ELIZABETH MOTSHUMI wase Kroonstad, O.F.S., ngo December 3, 1889.—3itd.23,90

RADASILKWAIMBA.—E Cradock, ngo 31 December, 1889, kutshatiswe ngu Rev. Samuel Ntsiko u JOHN M. RADASI wase Somerset East no S. KWAIMBA intombi yase Cradock.—3itd.23,190

ABABHUBHILEYO.

TOYI.—Ndiya zisa kuzo zonke izihlobo zetu ukuba sishiywe ngu Mr. BARNABAS TOYI, indoda ebe ingu mshumayeli we Lizwi kwanesi bonda saku Cofimvaba. Imke lendoda ngoxolo ngomhla we 2 ku January, 1890. "Banyenyweba abo bafele e Nkosini." JANE TOYI. Cofimvaba.—3itd.23,190

MQANDA.—Kubhubhe ngomhla wa 20 December, 1889, u ALFRED THOMAS MQANDA, obudala buyiminyaka elishumi eline sibozo. Umke nomlambo, i Bira, ekuseni, bevela e Simnareni e Heald Town. Izihlobo mazamkele lombiko. THOMAS J. MQANDA. Etyityaba, 3itd.23,190

27th December, 1889.

BONISANI

UJOHN JONGILE FADANA. Wabe ke ese Dikeni, wesuka apo waya ku Seplan, wesuka apo waya ku Ngqwaru. Ndamgqibela esingise ngase Skapu (Tarkastad). Owazi into ngaye wobhalela ku Mhleli we Mvo, okanye kum Wm. DANIEL, 3itd.4,190 S. Marks.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka DECEMBER.

Umhlaba mauhlakulwe, ucokiswe Kwinto

IMITI YE ZIQHAMO eyamiliselwa entlakohlaza, nexakatileyo mayi nencetshelwe kanobom.

Hlwayela i Cauliflower ne Cabbage, (Ezona koliflawu, nama Kapetshu mahle ngambewu zihlwayelwa se Hlotyeni)

Umbona, Osenza, i Tyukumba. Intyabontyi, Amatanga, Imbotyi, I Ertysis, I Radish, I Letesi, ne Spinach, zingahlwayelwa nazo.

W. & C. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN

Telegraphic Address: "OATLANDS, Graham's Town.

Isaziso kubo Bonke.

INTLANGANISO ye Bandla lase Wesile e Qonce ibisingete lento eyenziwangumzi Ontsundu, owela kwindawo ngendawo, uzalisa indlu yo Mfundisi kakubi. Lendawo Intlanganiso iti mayingenzeki ziko Indawo Zendwendwe.

Ngomyalelo we Ntlanganiso ya Bakokeli base Wesile, T. SAMBULA Igosa lo Mjikelo.

School Street, November 27, 1889. st.ad.2.90

KANIPE AMEHLO!

NGENIBIDYALA, kwesi singa siphesheya kwe Qonce ndilalekilewe lihase

Lam umlazakazi onembase, linxeba ngapakati wase kunene limhlope, linxeba ngapakati kwa kulomlenze ; ngapantsi kwe ngcitsha yomkono wokohlo linebala elimhlope. Olandisayo wotumela ku Mr. J. Tingo-Jabavu. CHARLES KEKESANA. King Williamstown.—2itd.23,190

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. eyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofamanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene, ROBERT XHOLLA, Kowie Street.

Graham's Town, 28th June, 1889.

John J. Irvine & Co.,  
KING WILLIAMS TOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12/6, 14/-, 16/-, 18/-, 20/.

IBHATYI „ „ —5/-, 6/9, 8/9, 10/6, 12/9.

I-Bhulukwe „ „ -4/-, 6/6, 5/6, 6/6, to 15/-.

Imitika emnyama (yokutshata)—12/6, 15/9, 17/9.

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16/9 to 18/9.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d., 1/-, 1/3, 1/6, 2/

Ihempe ze fulaneli—1/6, 1/9, 2/-, 2/6.

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2/6, 2/11, 3/6.

Kuko i Bhulukwe ze Kodi ezitile (ezona zohlobo)

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbelweni). Zisusela ku 4 6 zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d., 4d., 5d., 6., 7d. nge yadi.

Ikaliko—2d., 3d., 4d., 5d., 6d. nge yadi.

Ilinzi—4d., 5d., 5 1/2 d., 6d. nge yadi.

Izitofu ezibugqi—6d., 7 1/2 d., 9d. nge yadi.

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,  
u-ALUVENI.

BAKER, BAKER & CO

IVENKILE YE NGUBO

KAUKANGELE IMPAHLA ENINZI

Isuti ezimnyama nge 26/6

Isuti ezi Fancy nge 11/6

Isuti ze Serge nge 27/6

Ibhatyi eziyimi bhingo amanani nga manani

Ibhatyi ezi Sydenham nge 6/-

Ibhulukwe ezimnyama nge 10/6

Ibhulukwe ezi Fancy nge 4/6

Ihempe ezimhlope nezinamabala nge 1/- ne 3/3

Iminqwazi elukuni ne tofotofo nge 1/6

Iveyile, Ityepsana, Ikausi, Izihlangu, Shoes, i Blankete, njalo njalo

Ibhulukwe ze KODI zingamanani

amakulu (amawaka) ziqalela kwi 5/- nganye

Yiza kulevenkile wozibonela ngawako amehlo.

BAKER, BAKER & CO.  
E-QONCE.

# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setini emhlope i-Ready-made 30/-
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-
I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha
I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.

I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi
I I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.

I Printi ezingapumiyo 3d- nge yadi.

I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.

Ityali zokuhomba ehlotyeni.

# GIBBERD&BRYANT EQONCE.

## A MAYEZA ADUME

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumni<sup>ni</sup>wo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwe zona; ngenxa yoku kaulenza oku necda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoeka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa etyefe; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwano ukuba ingamayeza.

UMPLISI WENENE (The Sure Cure). Umciza ozangange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific). Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu zekatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umciza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo.

UMFUNO YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingaugqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamhlo abulalwa.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline)

Amafuta okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother). Amafuta omi okupilisa ukutsha, ukutyabuka ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb). Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana. nesabantwana.

UMATINTELA (Antiapasmodic). Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu zesinye

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic). Iyeza elilunge kunene kwisifo zokuba butataka. nokungatandi nto itiyiwayo.

UBUGQI (Magic Healer). Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine). Into elunge kunene etanjiswayo ebona bubebuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder). Lisetyenzisiwa neli kutiwa “Lelona” xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalitso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nea kwi bhofilana nezitofilana ngazinye, ezint zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungoku kava, pandla, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokufumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW. Igqira elisebenza ngencaiza, e Bhofolo, atengiswa nge nge bhokisi nange bhofile nangamagosa ake kwinkoliso yedolophu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA— *E Qonce*—Dyer & Dyer, Malcomes & Co., D Drummond A Co. *E Ngqamakwe*—Mrs. Savage. *E Monti*—B. G. Lennon & Co, *E Rini*-E. Wells. *E Dikeni*—R. Stocks. *E Romani*—Mager A Marsh. *E Bhayi*—B. G. Lennon A Co. *Engqusha*—W. A. Young, E-q. Ikaya la wo o Fort Beaufort kwa Nogqala.

## Iseminari yase Lovedale.

U Rev. Dr. Stewart, Umongameli we Lovedale wazisa ukuba: Inini yokuvulwa kwesi kula eyaye iye miselwe usuku lwa 30 ku January, iguqulwe. Ngenxa yokuba Umhlekazi i Ruluneli eyakuha mbela e Lovedale malunga neloxesha usuku lokuvulwa ngoku loba lolwesi-Bini evekini, ngomhla wa 28 ku January. Umhlekazi unqwenela ukuwubona umzi uhanjiswa njengokohlobo lwa; ke ngoko bayacelwa bonke abangca ngokuzazi eziklasini zase Lovedale ukuba bangaposwa lolo suku lokuvulwa kwesi sikula; kwanabo beza ngokokuqala, bafikelele ngalo ukuze bavive, babelwe indawo zabo.

E LUFUTA (TEMBULAND). — Kute ngobusuku be 11 Dec, 1889, umfazi elele wapulukana nomntwana wake waya wazifaka eziko, watsha unina engamva, noko useko umpufumlo nakuba kungatembisi. Siyamvela umzalikazi.

KUNCONYWA ubuhle bengubo ezifanayo (uniform) ze club enkulu yase Bhayi I “Fear Not” C.C., ezimigca ibomvu ne mnyama, ne minqwazi, namalapu ezinqe nawemiqala.

U MR. J- TENGO-JABAVU onyulwe ukuba li Gosa le Ramente yase Wesile emele I Qonce, unduluke pezolo ukusinga entlanganisweni yo Nyawontle e Kamastone.

KWA Bomvana kuko inkomo ezele inkonyana ezito zine, namhelo amane, nemisila emitatu.

ISIDUMBU sonifi u Mr. J. P. Jameson owabhubhela e Johannesburg singewatywe apa e Qonce ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo. Akwenziwanga mangandingandi. ngokwesicelo sake.

BALESI betu tumelani imali ye Kwata ingekabi nanzala ngo January lo.

ISICAKAKAZI sika Mr. Rolfé wase Dayimani site ngokukatazwa ngumlilo satata ipalafini sayigalela. Lite ukuti danga kwalo ilangatyi laza kubambelela e lampini esuke yadubula yaqekekela kuye watsha wonke umzimba. Sife kwangalomini.

AMASINALA ase Heald Town ancoma ukuyola kwalondawo ngoka apetwe ngu Mr. Solomon Mnyakama. Obu bumnandi busuka ekubeni kulinganwa ne Titshala, idla ngokuti yakohlwaya iloyisi seliyipokela kutatane, idle ngokungqulwa ititshala, kubuye kulanyulwe ipele lonto, uhambe umsebenzi, kube kuhle ke.

U GENERAL SMITH umpati we Mikosi ye Nkosazana kweli unduluke izolo e Kapa no Mrs. Smith, ngenqanawa eyi Grantully Castle ukusiga e Malta apo aya kuba yi Ruluneli kona.

IYONKE imali yomnyaka ogqitileyo ebhatelwe ngabafunda e Lovedale yi, £2,391 11s. 2d. Ngongapaya unyaka (1888), yaba yi £1,702 8s. 2l. Akwaba nemfundo ibinyuka ngolohlobo iminyaka yonke, ingekuko ukuti umntwana owaya kona efunda i Geography, kanti wode apume emana ukujikajika kwakwezonto.

WAMKELWE ngemigcobo emikulu Prince Albert Victor ngama Indiya Calcutta.

ABAPATI be dolepu yalapa bavumelene ukuba kucitwe £500 ukwenza izinto zokulungiselela nokugcobisa i Ruluneli yakufika apa ngenyanga ezayo. Kuvakala intshukumo nakumzi ontsundu; intlanganiso yo Manyano ebise Mgwali ngolwesi-Bini asikeva macebo abhekiswe emzini ngokubuliswa ko Mhlekazi lowo, Iya kuba lhlazo nedano ukungabonakalisi kuvuyela Inkosi yetu engamehlo e Nkosazana.

UMNTU omhlope onengqakaqa e Bhayi kutiwa usingisela ebubeteleni.

U MR. HERCULES TENNANT umiselwe ukuba no Msila Omkulu (High Sheriff)

UMANDLA wase Dordrecht, obuke wawuchasa bukali umteto webhula, uya uwmkela. Ekubeni ubuqale wamkela sisiqingata sobufilkornet sa Batembu, zibini ngoku kuqukwa nesomzi wase Dordrecht ezizamkeleyo.

UMNUMZANA ongowomlibo wama Yuda, ekutiwa ngu Baron Lilienthal uyolele ekubhubheni ukuba kwinto azishiyileyo ezixabiso lemali eliku £680,000, ulabelwe u Pope oyintloko ye Bandla lase Roma.

KUNGASISINDISA kwinkatazo engatetekiyo ukuba angati umamkeli we *Mvo* ngamnye atumele kwasentloko lakungafikeleli ipepa lake.

Xesi. Kubonakala ukuba ukusuka e Dikeni ukuza e Xesi umzi ontsundu omele Ityume wompeleka ngempi yamahashe. Bekungakuhle efike seyilungiselele impi emele Ixesi yakwa Kama nenye ukuze ikulule eyase Tyume, impeleke izokumlahla e Lukalweni, apo sitemba ukuba yoba seliko eyase Debe, e Rabhula neyezo zipaluka ukumamkela kweyase Xesi, izokumlahla Emdizeni kwa Holo, apo ibifanele ukuba ibe selicwabile emele Umngqesha no Mggakwebe nama Tshoxa ukumamkela izokumnikela kweyomzi wase Qonce emdeni, igoduke. Lonto yodwa yenziwe ngamanani amakulu akangeyilibali u Sir HENRY LOCH, ngakumbi isenziwa ngumzi obufudula udumlile njengalo wakowetu. Wohlala Icwawa, 2 Feb., apa e Qonce, ngo-Mvulo kuyakunqweneleka uko apa esixekweni kwakona umzi. Ikomiti epete isebe lokulungiselela abantsundu icinga ngokuxhela iqela lenkomo ukwenzela izizwe ezingafikayo. Ukubonakaliswa kwabantsundu pambi ko Mhlekazi kucingelwa ukuba ingcembe, kuze kuqale ngokuveliswa impi ebafundisi abantsundu yodwa ukuze abone osekwenzekile emfundweni Bekunqweneleka ukuze kubeko ngo-Mvulo, 3 February,ububinza buvele nakwindawo ezikude. Bangane address emfutshane abayinikela i Ruluneli. Emva kweli buto kolandela elababhali ezi Ofisi, no Titshala, impi esebenza ngobucopo. Nayo koba kuhle ivele nakwindawo ezikude ukuze ibonakaliswe ibuqela. Yofunda i address. Umkondo wesitatu yimpi ebalimi esebenza imihlaba yayo, eya kubonakaliswa ngokunjalo nayo. Kolandela intsapo yezikula eyakucula ele Nkosazana, ize ilandelwe yeyempi ebomvu eyakuti intwazana ipatiswe into entle eseyenzwe ngezandla zabantsundu inikelwe u Lady LOCH ibe sikhumbuzo. Impi yase zikolweni, ilandelwa yemaqaba, yolandela kuleyo faleni, oke amaqaba abonakalise nawo into ezintle zentlalo yawo. Amashumi amatatu entombi zihombe ngokwasemaqabeni, zigqite dana ake alinganise idabi lentonga, naxa kuhlanganyelwe enye. Zonke ezi zinto ziya kubukeka. Oti amanye eze namaqegu, zeke aboniswe.

Ezi zizinto ekucingwa ngazo abangati abanezinye izinto abazi bonayo bazitumele nokuba kuku Mhleli weli pepa, azipakele ikomiti. Singa izizwe zakowetu zingazimisela ukuwenzela isihomolo lomhla uze ube mkulu, bangayisi so inxamleko yokuhamba abantu. Huku! Nalo ituba lokunonelelwa kwenu nto zakowetu!

### INQANAM LE YILE MFUNDO.

ELIBAKALA emfundweni sikunjuzwa yingxelo yo Mpatiswa-Mfundo esand’ ukubhengeza kwipepa lakomkulu. Kwizimiselo zezikula sifumana ukuba abanokungena koluvivo lwe Siqinisele Esipilileyo, ngabate tanci babuncyeleliswa ngu Mhloli-Zikula kwizi fundo ze Nqanam le VI. lemfundo. Libakalake elo elikolise ngemfundo eyepilileyo, enokummceda oyifumeneyo, esingati luyiyona ntaba ye Pisega lona ati enchotsheni yalo umfundi avelele ububanzi, nobunzulu, nobupakamo balento iyimfundo, azeze, azive enjengomntu osemgubasini kodwa wemfundo, engenant angazingca ngayo ; avakale seletyandyuluka ngamazwi engqondi yakudala eyati. “Akuko nto ndiyaziyo, “ ngapandle kokuba akuko nto ndiyaziyo.”

Kuyafuneka kunene ukuba abafundiswa batundezwe emfundweni bade batiga kwesi siqibi—ngakumbi abamnyama. Umzi uruqukile yimpana entsha, engafikelelanga emfundweni ekwezi ziganga, ongafika izitsho ukufunda kwavo kubazali, eti, yakwalatiswa, bazidenge, abafundanga,—itsho ifamla ihamba ngendlela enengozi ezimilweni. Kufuneka bukali ke iqutyiwe intsapo entsundu emfundweni yada yayakuvelela ezinkalo zika Standard VI. Elibakala alincedi kupela ukungenisa umoya wokuzitoba, njengoko sesitshilo; umntwana efikile kulo kwakona unako ukuti

imfundo yake abe nento anokuzenzela yona ngayo. Ummangaliso kukuba ummiselo Wabapatiswa-Mfundo ungavumeli ukuba izikula, nezikulu, zetu bamnyama zizifundise izifundo zesisiganga. Zigigiwe izikula zetu bamnyama yimimiselo ukuba zifundisele ibakala le V., kube kupela. Seyininzi intsapo efundiswa ide iye Kwesesine Isiqibi kwizikolo zase makaya. Lentsapo xa sazeke isiza ezi Seminareni sazeke seyiyele Isiqibi Sesihlanu kwapela. Lomsebenzi awuzanelele izikolo ezinjenge Lovedale, Healdtown, Blythswood nezinye i Semnari, ungowokuzihluta isihomo sazo. Masingaviwa gwenxa ukuba sime ukuba abantsundu bafundiswe imfundo ezipakamileyo. Asinguyo umzi ontsundu osezi Semnareni, ngamadodana ambalwa abanako abazali bawo ukuwaxhasa kwezo ndawo Siti ke ukuze into ayele yona ezikolweni ipuhle makungamiswa mgqaliselo ngabala mayelana namabakala aqondiweyo ngaba Patiswa -Mfundo ukuba afuneka eko. Lonto iyanzonzisa.

### EZASE BHAYI.

[NGUM’BHALELL.]

EMATYALENI.

Imanty endala u A. C. Wylde Esq- ugqibele ukuteta amatyala ngolwesi-Bini (31 Dec.) Iqgweta u Mr. Brown wenza amazwi okuyibulisa, ekuvakele kuwo ukuba u Mr. Wylde uminyaka imashumi 44 emkonza u Rulumente, kulotinyaka eyobumantyi imashumi 25. Mabini kupela amatyala ezaka zapenulwa izigwebo

Imanty entsha iqale ngolwesi-Hlanu ukuteta. Yindodana entsha, eto ukusungula kwayo yagwebela ilawo. Ngu mfo okumsha isi Bhulu. Sipaule indawo zantatu ezixela ukuba angaba nobuntu. 1. Ityala anikwa lona umbanjwa malicaciswe alive kakuhle pambi kokuba avule umlomo, ukulivuma nokuba ku kulikanyela. 2. Ukuba akana miteleli ubuzelwa yimantyi ngokwayo nqhina, aze ukuba kuko intandabuzo okoyo akululwe. 3. Pambi kokuba siwe isigwebo onke amazwi atetwa ngam nqhina ayafundwa, ukuze umbanjwa azuze elinye ituba lokuziphendulela. Nge zindawo zomatu ke sisati ngati sifumene indoda, noko singaziyo, kuba ekulhambeni kwexesha zobuye zivele eziny indawo —ezimbi nezintle

ITOLIKI.

[missing text] isikalazo

abanaso ngaye akanako naye ukusinceda, kuba kukuva nzima, ati umntu ukuba akateti kakulu, imane isabela futi itoliki, ade acapuke amantyi. Yode itinina ukulungiswa londawo? Kupela abantu mabatete kakulu bangamane besebeza ukuteta.

AMAPOLISA.

I Bhayi lenziwe isazulu (head quarters) samapolisa e *Cape Police*, lla kutiwa ngo Nonqhayi. Ayakutabata lonke eli linganeno kwe Gqili, emc nge Rafu ne Aberdeen ngasentshonelanga. Kwasele lapa sibona umfo ka Birt, kwaka Ngqika um-Nqhosini omkulu Ngumfo okolwayo, otanda uhlanga, omoya upandle, ongabehle umqele kwamhla wabonana ukuba nike nateta ngezinto zohlanga. Siyatemba ukuba woba luncedo apa. Amadindala asahleli nawo. Ihleli into ka Lamityi ngokuvakulwana ka Nqhina, sei’ eneminyaka emininzi ewukonza lomzi wakwa Rulumente. Ngumfo oqelene yedwa, kanti noko uyabatanda abantu. Into angayitandiyi kuku shenxa edyutini yake ngokunga angakolisa umntu. Akwaba ebene mpebblelo kwezakwa Tixo izinto. Usahleli u John Delman into ka Mbonxa um-Mpandla omkulu. Yimkenekene leyo, into elila kodwa ngenxa yohlanga. Ukuba umntu ubanjwe ngu Delman, yazi ukuba bekungeko ndlela abengasinda ngayo. Ukuba lomntu ukululwe yimantyi uvuyo lombanjwa luya kufana nolo mbambi. Unjalo lomfo. Ngumfo ontliziyo imhlope iitafa, ozangange on mntu.

AMADODA OMZI.

Kubafundisi asina mazwi maninzi. U Mr. Gawler ubonisa impawu zoku Bhayizeka, oko kukuti zokuqelwa li Bhayi, ngokukodwa yimpi entsha. Ibandla lake lase Tshatshi ngati fiquba kakuhle. U Mr. Dlepu usafika kodwa selenegama. e Bhayi, kuba wayamene namadoda amadala omzi, alike amnika isidima. Inkatazo isekwa yi hopisi. Amaroti ayo o Rev. S. Ntsiko no Mr. Rwevu, emkile. Ziseko into zo Mavavana. Indonga zisaza kubuye. ziwelane. Okwangoku isajongene, isakangele apo wode ati gqi kona umfundisi omtsha. Yena ke usafuna apo umoya uvela ngakona, usamana ukuya amanzi ngo dondolo, esiti “kuhle, msani ukunxhama.” E-Rabe yama Xhosa neya Besutu, ngati baninzi abangati qabu Unoqolomba efile.”—beko pofu elibazolele kwada kwasebukweni bezinja. Uyanamba wona umsebenzi, nakuba umzi umi kakubi ngenxa—

YAMA SLAMSI.

Atshitshile amagqira amhlope, kunye negqira elikulu u Yesu. Into engamandla, ukuba ibohile yokugala yeyeza lase Hospital ayincedanga, kusike kupangwe ema Slamsini. Anukane amakolwa kube mdaka. Into ebanga usizi kukuba lenkolo yendele kwabatsha. Bavumbulula ukunchola okwaku nchwatywe ngo yise mhlana bamkela ilizwi. Lento ke inkulu ; kuba kutiwa yimpi entsha, lamazwi u Yesu waye yala ngawo abafundi bake ukubanyula kwake oko wati: “ Ningaboyiki abo babulala umzimba, kodwa bengena ko ukubulala umpufumlo ” Matt, x: 28, wayeteta amagqwira, kengako ako amagqwira. Ngamagqwira na “abalawuli nokumkani” ateta ngabo kwi vesi ezipambili (17, 18, 19.) Wayengateti zona na intshutshiso abaya kuziva ngenxa ye Gospel

nabatshutshisi abati yena ungu Belzabube (verse 25) ati mabangoyikwa, makoyikwe u Tixo onokutshabalalisa umpfumlo nomsimba esihogweni somlilo? Ayitsho yona impi entsha, kulo lento itsiba msinya ezinkosini ze ndimoni ama Slamsi Ako ke noko amadoda emi kakuhle ukukusela igama le Nkosi. Siti ke kuwo, yimani kakuhle, niwe njengamadoda, ningake nivume ukuba u Satana anibinze ngomkonto akade etyikitya ngawo izizwe zakowetu ngamaxsha obumnyama angapambili. Ukuba lenkolo yobuti, nokutakata ike yangena, yaza yadityaniswa nelizwi, yafunelwa iziseko e Bhayibhileni; Yeha ! Yeha!!

AMATEMPLE.  
Lihamba kancinane elibandla, alivumi ukufa. Kumana ukubako ogqaduvana abamana bevlela betshona ngezinyeliso nezixeko, he, inqheqana angazise so amatempile; kuba abade bavela neqhinga bati makuke kulingwe ngalo; into kupela kukutshabhisela eli kusetyenzwa ngabo. Abanye bane nkompoti nabasili, basela i hopisi, noko banegama 'okuba ngabachasi bobunxila; ngati kuko umntu owaka waba linxila engaqalanga ngobunchatu, kanti onke lamanxila akoyo aka amana esela ngobunchatu. Zisahlleli into zo Pu, nezo Bala, nezo Adam, nezo Cetu, nezo Mkoti, nezo Dalaza, nezo Mavavana, nezo Mxabela, nezo Silana, nezo Qaba, nezo Kama, nezo Williams, nezo Bassie, nezo Ngxangxeni, enditemba ukuba ngabaxhasi be *Mvo*. Isalele pantsi sisifo into ka Kani, ikolwa lenene. Amadoda wona ako apa, into efunekayo liroti lokuhamba pambili.

IZIFO.  
Asinto izifo, komkulu nomncinane, kunchatwya yonke lemihla e Bhayi. Baninzi abaleleyo. Nomhambi uti efika libe selimbulisa ngesifo, abe usindle ukuba utive ntliti ngalo wempumlo wodwa. Abanamakaya ngapandle bati bakuya kushushu bake bapupumise; kutive ke e-Bhayi, into kanantsi *iregile*. Izifuba, i *consumption*, icesika, intloko, izisu, amazinyo, imiqala noku kohlhela zezona zifo zinamandla apa.

Abapicoti Bonxilo.

E-NGQUSHWA.

Abatunywa bakomkulu  
BAHLANGANISELWA ISIZWE.  
ngalomcimbi wotywala. Into esazikalazelayo tina Ngqushwa luhlobo otetwa ngalo umcimbi, ukusuke ibeliguqula—bateta singeko abatengisi botywala bateta amafedelele angayiyi inyaniso. Wati owalengkanti ikelele Ntonga mabini kupela amanxila. Ukuba ke babeteta siko tina bantu basela kona ngengabhalwanga amazwi abo. Uti amanxila mabini, ukuba amanxila ebemabini besiyakucelelani ku Rulumente siti mabumke utywala butshabalalisa abantu. Kubonakala ukuba kuyakubuye kupikiswane e Palamente. Into ebiyakugqiba impikiswano epakati kwabantu abantsundu nabatengisi botywala ngebhelanganisiwe ubuso-ngobuso, abateta ngesese kwetu. Bekuziwe kuti kaloku kusitwa ngabafundisi namagobhoka abateta ezizinto bafihlwe nganina abatengisi benkanti ukuba batete ngasese, kubonakala ukuba livyelenqe, bekuzekugqitywa imkani, ababantu iteta ngabo inkanti kwele Ntonga sonke esosizwe singamanxila, ilingina nenkosi yesosizwe u Tyefu, kusela nabafazi. Kwakuko into eninzi yabafazi abangafumananga tuba lakuteta nabatunywa, ekubonakala ukuba bahamba ngokungxama ukuba kwakutete abafazi ngekungafunekanga ukuba babuye batete abatengisi benkanti kwanama gqweta ayegiti benziwa ngabafundisi lento bateta ngokugxota inkanti. Kwateta Inkosi zamaqaba ezimbini u Tyefu no Nyaniso, wayeke umzi ongamaqaba osela utywala ukunqwelela ukuteta nabatunywa. Olululuvo lomzi wonke owauko nosemakaya ndingapike nabo o Diba owati bulungile watsho enxilile. Ukuba unako lifake nakwelama Ngesi, zindaba ezifuneka zazive. Kusekuhljeni kubo bonke abantu namhlophe, nesezimantinyi, zenzangabom ukungatmeli ku Rulumente, zixele ukuba utywala buyatshabalalisa kubantu abantsundu.

Ukujikela Kwe Ruluneli.

Ngobusuku bo-Mgqibelo kufike ku Mantyi wetu, e Qonce, inteto 50 Cingo ivela ku Mpatiswa-Mbuso, e Kapa, luvakalisa ukuba Umhlekezi i Ruluneli uyakungena e Qonce ngosuku lo-Mgqibelo, 1 February lo uzayo (eyona yure nqo ayakufika ngayo ngu 3 o'clock ukumka komhla), uyakuhlala i Sabata no-Mvulo, agqitele e Monti ngokwesi-Bini.

Ukusuka e Rini ukuza apa e Qonce, Umhlekezi nyakujikela e Bhofolo nase Dikeni.

IZIBHENO NGE VOTI E QONCE.

Ibeko kanobom impi yakowetu ngoleswi-Bini, 14 January, ukuza kumisa inyaniso ezibanga ngazo ivoti. Yaye ivela kwi zitili ezibhalwa ngo Messrs. Crowe (Ubhobho) no Landrey (Cabhela) —impi emele i Peula, ne Debe, no Mkubisi; kwanelunge e Ncemera eyona ibininzi. Kute namhla kwabonakala ukuba umzi awasukaba nambuzeli wase Mtetweni, kwase kugxaxamisa Umhleli weliqepu ukwaneka ngokuzuleyo inyazomtu ngamnye pambi kwa Matyala; waye encediswa ngu Mr. J. Tunyiswa kwicala lokubhala. Kumashumi asibhozo ezibheno kwamkelwe 70 ishumi alazityebisa indawo elibanga ngazo. Inxelo enobom asinaxesha nasituba sayo kwelanamhla, seyolandela. U Mantyi wetu olunge kunene, umfo ka Tshemese, unike unyamezelo engena kwele ekubhikiceni amabango, wanelwa umzi kwanocele ngapandle; waye yena erorela ukuxhamleka kwabantu zinj ukuba mhlope inyaniso; kwabanye eyaleza ukuba bake ingxande, batabate itatitile, ukuze imfanelo zabo zingapikwa bani. Sivuya nomzi ngokupumelela kwimizamo yawo ngelituba.

UKUSA KUSIHLWA.

[REV. J. M. DWANE.]

*Ngo-Mvulo, October 14.* Ndinduluke namhlanje,

UKUYA E KAPA.

Andizange nditae uhambo endingaluceleleyo nje ngolu lwanamhlanje. Incaso yam ndayivakalisa kwamhlana lwayilwa yintlanganiso yabafundisi e Bhayi. Lencaso ibangelwa kukubandakanywa kwam nalomjikelo endaziyo mna mhlope ukuba imbeko yololuhlobo ayindifanele. Kwaye ke kanaanjalo kungengakuba kusweleke umzalwana oantsundu kwibandla lama Wesile owayengatunywaya, ngokuba baliqela elimnandi kubazlwana bam ekwazeka mhlope kuninzi ukuba umsebenzi onjengalo bebeyakwenzza ngohlobo ebesiyakuti nati bantsundu sibenokuzidla ngalo. Noko xa nditshoyu makungabiko undivisisa gwenxa nje ngokungati kwizinto esisukuba sifunjatiswa zona ngabazlwana nalibandla sijonge udumo lwasehlaleni kuba ke ukuba kunjalo besiyakuba sikolwa ludidi ekutiwa ngalo “Lumkani ubulungisa benu ningabenzeli ebusweni babantu ngokunga ningabonwa ngabo; okanye animamvuzo kuyihlo osemazulwini.” Kutiwa soti kanti sesiyiminye kwe mu intwana eyayimivuzo wemizanyana yetu. Ngolwesi-Bini ndifike pezolo kwa Komani apa. Ndi ke ndazama ukufumana indlela yokuya e Kapa engati ingabi nandleko zinkulu, kwabonakala elokuba mandijikele ngase Qonce.

*Nge-Cawa, October 20.* Yandihlela e Tamara.

PAKATI KWELE NTONGA NE RINI.

